


USUKU LUKAMAMA

 ...emnqubeni, ngumthandazo wam. Ndivuya ngokuqinisekileyo ngale ntsasa, ukubona ukunyukela ngokomoya kwalo mnquba, kwaye indlela ukuba, umqondiso phandle phaya, balungiselela ngoku ukwakha icawa entsha. Ndinga ukuba iyafuneka. Kwaye ubone kamva...ukuba iNkosi uYesu ithe yalibazisa, emva kokuba simkile, baya kuba...abantwana bethu kuza kufuneka babe nendawo yokuya ecaweni. Kwaye siyafuna “ngokunyanisekileyo silulwelwe uKholo olwanikelwa kwaba kanye kwabangcwele.” Cinga ukuba yinto entle leyo.

² Kwaye njengokuba bendingena nje, kwimizuzu embalwa edlulileyo, ukongeza kunye nobungqina obuninzi obusele bunikiwe malunga nokuphiliswa, kwimihlangano embalwa yokugqibela, emnqubeni apha. Ihlala nje iqhubeka ukufumba, beempiliso, imimangaliso emikhulu yeempiliso.

³ Ndishiye ngaphandle umfazi wam, ngoku, kunye nabantwana e—emnyango; kwaye kwakukho udade, ohleliyo okhoyo ngoku, owayechulumange nje kakhulu wade walila, ngemikhulu imimangaliso eyayenzekile kumzukulwana wakhe omncinane, ezantsi, ndiyaqonda, eChattanooga. Nkosk. Nash, apha, umzukulwana wakho omncinane wayebandezekile, kwaye umhlangano wokugqibela apha, iNkosi uYesu, ndiyacinga, yayibiza, yathi, “ITSHO INKOSI, ukuba, imkile. Kwaye uya kuphila.” Kwaye umfana omncinane ulungile ngokugqibeleleyo kwaye uphilile, kanye njengoko enokuba njalo.

Kwaye iya—iyachulumancisa, uyabuva obo bungqina.

⁴ Kwaye emva koko umfo oselula, okhoyo naye kananjalo, wacelela umthandazo uNksk. Stotts, osanda kwenziwa uqhahqho. Kwaye umdla wabo; yabona, ukuba akukho mntu ufuna sibathandazele, kutheni eyabo...ibonisa, okoko nje uzama, abantu abafuna ukuba ubathandazele, ngoko bona, umdla, uyabona. Ngamanye amaxesha iba mbi kakhulu, kude...hayi kakubi, kodwa ezininzi, ukuba kufuneka nje ubaleke uphume ndaweni ithile kwaye ubeke intloko yakho kude, kwaye uzimele kancinane, ukuze uphile. Kodwa, ndi—ndiyavuya bekwenza oko. Ungaze ucinge ukuba andithandi ukubabona, ngokuba ukuba ba...ukuba bekungekho mntu ufuna ndibathandazele, kuphi apho beliyakuba khona ulungiselelo lwam? Yabona? Yabona?

⁵ Kodwa ngamanye amaxesha xa usithi, “Mzalwana uBranham, andiqondi xa abantu bebiza ngolo hlobo, kwaye—kwaye uya kuphuma ungaqatshelwanga kwenye indawo.” Ndimelwe kukwenza oko ukuze ndiphile, ndithandazele abantu.

Awuyenzi nje. . . Akusiyo—akuyo ndawo nje enye, apha. Ikwi hlabathi lonke. Uyabona? Kwaye—kwaye kunzima ngokwenene. Kwaye ndiqinisekile ukuba niyayiqonda loo nto.

⁶ Owu, kuhle kakhulu ukuba ngumKristu! Andiyazi nje ukuba bendinokwenza ntoni ukuba ibingekuko okukaKristu, kwaye ke. . . nokuba nobudlelwane namaKristu, ukuba, abantu abanoKholo oluxabisekileyo olufanayo, abakhohlwayo kuThixo nabakholose ngaYe; kwaye bekholelwa ukuba ngenye imini ezukileyo siya kugqitha kulo lonke olu dabi, kwaye sibe noloyiso, size sime sihlangukwe kwimfano Yakhe, kwelinye icala.

⁷ Kwaye ke ndingathanda ukwenza nje isaziso esifutshane, sokuba, ekuzeni komnquba, nanjalo njalo, ndi. . . senza uhlaziyo lwesiseko sethu, ingakumbi indima yam yamaphulo. Konke ukwehla ngemihlangano, kusukela ndaqalisa koku, kwicala lobuvangeli, iminyaka emininzi eyadlulayo, endaweni yokwenza isiseko, ukuze ndibe nelinye iqela labantu, ndasebenzisa nje iqela endandiqhelene nalo; kwaye ukusuka. . . kwaye ndenza isiseko, sokuba yonke imihlangano yam iyakuqhutywa phantsi kwegama loMnquba kaBranham. Kwaye oko kuya kusetyenziswa kwi-Union National Bank eNew Albany, njengendawo apho imali inokuhlalulwa khona—ihlawulwe ngaloo nto, okokuba ingabi nakurhafiseka. Ukuba andikhange ndiyenze, yonke imali ethatyathiweyo ibiyakurhafiswa kum, ukuba bendingasebenzisanga uMnquba kaBranham njengesiseko.

⁸ Abaninzi benu benindivile ndisazisa oko, ixesha emva kwexesha. Kufuneka ndiyenze, kunye noku. . . ukuze wenze oko. Ke ngoko—ngoko siseka isiseko esitsha ngoku. Kwaye singathanda abaninzi abaziyo ukuba mna. . . Bangaphi abakhe bandiva ndibhengeza loo nto, ukuba zonke intlawulo, ndigqitha kuMnquba kaBranham? Phakamisani nje izandla zenu, nonke. . . Ngokuqinisekileyo, nonke. Konke.

⁹ Ke ngoko xa inkonzo iphelile, ukuba uyathanda, ndinenkcazelo encinane phaya, ukuze wena, ukuba uyakuthi uyisayine njengoko uphuma. UMzalwana uRoy Roberson uyakuba nayo phaya emva.

¹⁰ Kuba, sizakuseka esinye isiseko, into enye, nje. . . kodwa esinye isiseko, ukuba zonke iimali zethu nezinto ezinjalo, ezithatyathwe enkonzweni, sizigcine zingarhafiswa, iya kuba. . . ibekwe, njengesiqhelo, kwi-Union National Bank, ukuba isebenze ngomnquba, endaweni yokuba ne—is-is-. . . esinye isiseko. Kuba, esi sele sisiseko, egameni loMnquba kaBranham, uyabona. Kwaye ke kukho uBranham *apha* noBranham *phaya*, kwaye ngolu hlobo, neziseko ezahlukeneyo ezingahambi kakuhle kakhulu.

¹¹ UMzalwana uRoberson uyakukuhoya oko, nina eniya kuyenza, njengokuba siphuma. Siya kuyivuyela.

¹² Ngoku, ngale ntsasa, phambi kokuba singene enkonzweni, ndingathanda ukuthi, iNkosi ithandile, ukuba ndiza kuzama ukubuya kwakhona ngokuhlwanje. Ndikuthiyile ukuyithabatha yomibini imihlangano kuMzalwana Neville, kodwa undicele ngesisa ukuba ndithethe kwakhona ngokuhlwanje. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ngokuhlwanje ndifuna ukuthetha ngesihloko sokuvangela, esibizwa oku: *Ngubani Na Lo? Yabona? Ngubani Na Lo?*

¹³ Kwaye ke ngale ntsasa, ndiyafuna uku... Bendinga ngo—ngokuthetha ngale ntsasa ngesihloko soSuku lukaMama. Kwaye ndiyazi ukuba ngale njikalanga nakusasa zonke zizaliswe ziinkqubo zoSuku lukaMama. Ndiye ndacinga ukuba ndingadibanisa into ethile, kuba sifuna ukuthandazela abagulayo ngokukhawuleza emva kokuba le nkonzo iphelile, nanjengesiqhelo.

¹⁴ Siyakholwa ukuba uThixo unguMphilisi, kwaye Uphilisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Kwaye ndiyazi ukuba Uyayenza loo nto. Kwaye kungaphaya kwawo nawaphi—nawaphi amathandabuzo, oko, kuba buninzi kakhulu ubungqina obufunjiweyo, oko esiyaziyo oko.

¹⁵ Izolo bendijonge engxoweni bebesandula ukuyigcina uMzalwana uGene noLeo, yobungqina abathe babuchola. Kwaye yayiyingxowa enkulu yokubalaseleyo, ukuphiliswa okungummangaliso ethe iNkosi yakwenzela abantu.

¹⁶ Ndaze ndacinga, ukuba oko kuyakuba njalo, kungathini ukuba besinokugcina ingxelo yako konke okwenzekileyo? Ndingcinga ukuba, ePuerto Rico naseJamaica, zodwa, ngeyaba lishumi lewaka, okanye okungcono, ubungqina obubalaseleyo, beempiliso zeNkosi, Eyazenzayo.

Ngoku phambi kokuba siyivule iNcwadi, masithethe noMbhali.

¹⁷ Nkosi, sibulela kakhulu kuWe, kukuba, xana sithobe iintloko zethu, sithintithe nje ngamazwi emasiwathethe; kuba andikholwa ukuba kusemlonyeni womntu ukuchaza iimvakalelo zentliziyo yendoda okanye yomfazi, inkwenkwe okanye intombazana, ekhe yadibana naWe. Ukuvakalisa uthando lwethu, indlela esiKuthanda ngayo, noko Ukuthethayo kuthi. Kusahlule kwisono, kwaye kwasahlula kwihlabathi. Kwaye isinika into enguNaphakade nesikelelweyo. Kwaye asikwazanga ukufumana amagama ngokwaneleyo.

¹⁸ Njengoko kwakha kwathethwa yindoda ebekekileyo, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, okokuba yayinakho ukuthetha ngokulula malunga neelwimi ezilithoba ezahlukeneyo, ibambe isikhundla sayo nomcebisi kuMongameli wethu othandekayo, uDwight Eisenhower. Kwaye nangona ekwazi ukuthetha iilwimi ezisithoba, ngokulula, yathi, xana yamkela uMoya oyiNgcwele, yawalinga onke alithoba, kwaye kwakungekho

mazwi eyayinokuwafumana, akukho nto enokuyichaza, kwaye ke Uyinike ulwimi olutsha ukuba ivakalise kwaye iKubulele ngalo. Kwaye siziva ngaloo ndlela, nathi, Nkosi, ukuba, xana ubomi buphelile, ukuba mhlawumbi siya kuthetha ngolwimi olwahlukileyo ngokupheleleyo, ukuze sikwazi ukuvakalisa into esiyicingayo ngaWe.

¹⁹ Ngoku singacela, Nkosi, ukuba Uyakusikelela lo mnquba, umalusi wawo, amathenjwa awo, amadikoni awo, bonke oogxa bayo, abantu abandwendwela apha, bangena bephuma ngeengcango. Ngamana ingafunyanwa isoloko izinikele, indawo yokuphumla, apho abatyhafileyo bangangenayo, baphuma ngeengcango zawo baze bafumane ukuphumla noxolo emphefumleni wabo, nokuba imilwelwe ingene ngomyango, kwaye iphume iphilile, ngenxa yobuhlala bukhona uBukhona bukaThixo uSomandla, Ohlala phantsi kophahla lwawo.

²⁰ Siyakukucela, Nkosi, ukuba kule nkqubo izayo ye... eyakhiwayo ngoku, ukuba Uya kudibana nebhodi kwaye udibane nabo bonke. Kwaye ukuba kukholekile kuWe ukuba kubekho isikhumbuzo esiqhubekayo somthandazo owawuthandazwa kweli chibi lidala, kunye nesiqwenga sokhula, ngenye imini; ukuba ngoku ibe yindlu yesibane, indawo yokuphumla kwabadiniweyo, ngenxa yempendulo yaloo mthandazo.

²¹ Ngoku sixolele nantoni na esiyenzileyo, okanye esiyithethileyo, okanye esiyicingileyo, echasene nentando Yakho enkulu; kwaye khumbula, Nkosi, ayiphumanga ezintliziyweni zethu. Kuphela sinokuba sithe sayivakalisa kwizenzo zethu okanye ngemilebe yethu. Kodwa, ngokukhawuleza, Usivile. Sathi sakubona ukuba asilungile, sasikulungele ukuyivuma. Kwaye asifuni ukubamba ezintliziyweni zethu, ubugwenxa, ngoko siyazi ukuba uThixo akayi kuyiphendula imithandazo yethu; kodwa sihlale sizivuma iimpazamo zethu.

²² Kwaye siyakucela, Nkosi, ukuba Uyakusikelela, ngale ntsasa, kulo lonke ilizwe, njengoko kubhiozelwa olu suku lwesikhumbuzo soSuku lukaMama. Kodwa ngamana oku akuyi kuba nje lu—lusuku lukamama; inga lonke usuku lungaba njalo.

²³ Thixo, nikeza ngale ntsasa, ukuba oomama, abafazi, abathe babhadula bemka kuThixo, ukuba baya kubuyela kwiziqu zabo, ngale ntsasa, kwaye baya kuqonda ukuba into igama *umama* elikuthethayo, “lowo uzeleyo.” Makaqonde ukuba inzala, ukusuka kumanyano nomyeni wakhe, ibingamatye anqabileyo angcwele uThixo awabeke phantsi kwenkathalo yakhe. Ngoko, uThixo uyakuthabathisi uxanduva ngokukhulisa abo bantwana. Kwaye njengoko iSibhalo sisitsho, ukuba, “Umfazi olungileyo, nomama, into ayiyo, okokuba abantwana bakhe baya kuthi unoyolo.”

²⁴ Owu Nkosi, xa sibona lo mhla, xa besiya kude kangaka eZibhalweni, baze benze phantse okwezilo! Siyathandaza, Thixo, ukuba Usiphe imvuselelo yakudala eyakubabiza babuyele kwindawo abamelwe kukuba kuyo.

²⁵ Nkosi, asinakuze, nangayiphi indlela, silibale ukubulela Wena ngoomama bokwenene, ngokuba siyazi ukuba sinabanjalo abaphilayo namhlanje; abenene, oomama bokwenyani. Thixo, basikelele. Babubutyebi obukhulu kuthi, kwaye siyathandaza ukuba Uyakuhlala unabo, Nkosi, kwaye banga bangaphila bonwabile baze basibone isiqhamo sesibeleko sabo sikhonza uThixo.

²⁶ Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba abo banxibe imifiyo emhlophe kusanje, okanye intyatyambo emhlophe, ukuba bathi umama wabo udlule ngaphaya kwale ndawo yesenzo namhlanje; yanga, Nkosi Thixo, bangaphumla ngoxolo nokubulaleka kwabo kubalandele. Siphe oko, Nkosi.

²⁷ Ngoku thabatha iLizwi Lakho, Nkosi, uthethe ebantwini, ubathuthuzele, kuba kungoko sihlanganisene apha; ukuva uBukho Bakho, sive iLizwi Lakho, kwaye sisikelelwe; kwaye simke apha sibe ngamadoda nabafazi abangcono, amakhwenkwe namantombazana, kunokuba besinjalo xa besingena. Sikucela oku eGameni likaYesu, uNyana kaThixo. Amen.

²⁸ Ndiyakuthanda ukufunda iLizwi Lakhe elisikelelekileyo. Ke ngoku sizakutyhila, ngale ntsasa, kwiNcwadi yabaseKorinte bokuQala, kwaye sifunde inxalenye yesahluko se-15, siqale ngomqolo woku-1.

Ke kaloku, bazalwana, ndivakalisa iindaba ezilungileyo kuni, endazishumayelayo kuni, enathi kananjalo naza nazamkela, nenithe nema kuzo;

Enithe ngazo nasindiswa kananjalo, ukuba nizibambile ngelizwi endazishumayela ngalo kuni, ngaphandle kokuba nithe nakholwa kwilize.

Kuba ndanikela kuni kuqala konke endathi ndakwamnkela, indlela uKristu wazifela ngayo izono zethu, ngokwezibhalo;

nokokuba wangcwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesithathu ngokwezibhalo;

²⁹ Unokuthi, “Mzalwana uBranham, oko ngumxholo ongaqhelekanga womyalazo woSuku lukaMama.” Ke, yinyani leyo. Kodwa, uyazi, uThixo akaqhelekanga, kwaye Wenza izinto ngendlela ongaqhelekanga.

³⁰ Kwaye ndiyacinga, iingcinga, zikamama. Kwaye ndinomnye kusanje, ngobabalo lukaThixo, uselapha emhlabeni kunye nathi. Kwaye ndinombulelo ngomama. Kodwa ekubeni kufanele sibenayo, nayo, inkonzo yempiliso, kwaye singazi ukuba

ndiya kubuya kwakhona ngobubusuku, kodwa ndiye ndacinga mhlawumbi singapeyinta uhlobo olwahlukileyo lomfanekiso.

³¹ Umama mkhulu kakhulu. Uyazi, owokuqala ukukwamkela, kobu bomi, ngumama wakho. Akukho mntu unokukuchukumisa, ngenxa yokuba ukhawulwe, kwaye ukuthwala phantsi kwentliziyo yakhe. Kwaye ungowokuqala ukukwazi, kwaye ngowokuqala, kobu bomi, uku—ukubamba wena. Emva koko, xa uzalwa, ungomnye wezandla zokuqala ezikuchukumisayo kwaye zosule iinyembezi emehlweni akho. Ungowokuqala ukumbambatha nokukuthanda, kwaye angqumshele kamnandi phezu kwakho, kobu bomi, ngumama wakho. Ngoku, ndicinga ukuba akukho mbeko yaneleyo esinokuyinika umama.

³² Umama ungowokuqala emntwaneni, kwaye unoxanduva olukhulu lokuba uyakuba yintoni la mntwana, iya kusekelwa phezu kwendlela athi umama amqalise ngayo la mntwana kwindlela ekumele ayihambe. Umama unoxanduva, oluvela kuThixo, lokubeka laa mntwana kwindlela elungileyo. Kwaye ndicinga ukuba yiyo loo nto oomama benochukumiso oluncinci olukhethekileyo.

³³ Ndazi inkwenkwe kwesi sixeko. Ndinga ukuba umama wakhe ukhona ngoku. Iphantse ukuba yintanga yam. Kodwa andithethi oku ukuze ndivise kabuhlungu umama; ngenxa yokuba uneentlungu ezaneleyo, njengabo bonke oomama. Kodwa inkwenkwe iyasela, yaye isela kakhulu. Kwaye xa inxila ngenene, iyakufika ekhaya ize itsibe ebhedini nonina imwolele ngeengalo zayo. Kwaye inabazukulwana. Kodwa kukho into malunga nokubhambhatha kukamama, oko kubonakala kuthatha i—indawo eyahlukileyo kunayo nayiphi na enye into enokuchukumisa; oko kukuthi, kobu bomi, xa sithetha ngokwabantu.

³⁴ Uyazi, indoda enjengoMoses, yena. . . Ukuba bendinokwazi ukubonga nantoni ngesimilo sakhe, kungenxa yokuba wayenomama othunye nguThixo. Uyazi ukuba yayinguye owayethandazile, uYokebhede, kwaye wayelangazelela olu sana. Kwaye xana wazalwayo, wayenguye owayengqumshela kamnandi kuye, wamwola, wawakha umkhombe wambeka kwimikhanzi, xana intliziyo yakhe elusizi yayisaphuka. Okuphela kwalo usana lwakhe oluncinci, kwaye lwalu—lwalusesona siqa sincinci sibalaseleyo esasikho emhlabeni wonke. Yaye indlela umama athanda ngayo naluphi na usana! Kodwa ukubona lo mfo mncinci ukhethekileyo!

³⁵ Kwaye ke, entliziweni yakhe, wayesazi ukuba wazalwa injongo, kwaye ngoko ukumthabatha nokumbeka kanye emhadini weengwenya kanye, ngaphandle emlanjeni. Ngokholo wakwenza oko, esazi ukuba uThixo unako ukumgcina; kwaye ukushwankathela uthando lukamama, kwanesenzo

sesimilo sokhoho lwakhe. Kuba ukhoho aluzibeki phezu kwentlabathi eshukumayo yoko linokukubona; ukhoho luhlala ngokundilisekileyo phezu kolwalwa olungashukumiyi lweLizwi likaThixo elinguNaphakade. “Ngokuba ngokhoho,” sitsho iSibhalo, “wayenza le nto.”

³⁶ Kwaye ukhoho lunokuma phezu kolwalwa, ukuba amaza azibethe iziseko, kwaye lujonge ngqo ebusweni bokufa kwaye lwazi ukuba kuyakuba ngumzuzwana nje, kodwa ukhoho lunokukhangela ngaphesheya kolwandle kuLowo wathi, “Ndim uvuko kunye noBomi,” kwaye lusilele nokuva amaza engxola.

³⁷ Olo luhlobo lokhoho awayenalo unina kaMoses. Wamfundisa wamkhulisela ebhotwe likaFaro, emfundisa ukuba uzalelwe injongo, ukuba uYehova uwuphendule umthandazo wakhe. Kwaye, yena . . . wayengenakuba nomfundisi-ntsapho ongcono kunaye. Yiloo nto eyancedayo ukubumba isimilo awayesiso uMoses.

³⁸ Ndikholelwa ukuba yayingu Abraham Lincoln owakha wenza intetha efana nale . . .

³⁹ Ngoku, andingomDemokhrasi okanye umRiphabhlikhi, nje ndi . . . NdingumKristu. Kuba, ndiyacinga ukuba elinye icala alinakuthetha nto ngokuchasene nelinye icala; konke kukonakala. Kodwa, u-Abraham Lincoln, kwiingcamango zam, wayengomnye wa . . . kwaye wayengomnye wabona Mongameli bakhulu eyakhe le United States yanabo; kuquka uWashington, nanjalo njalo.

⁴⁰ Kuba, u-Abraham Lincoln waba ne—nesiqalo esibi. Wayelihlwempu. Wayengenamvelaphi, ngokubhekiselele kwimfundo, okanye—okanye into enkulu, okanye imali, okanye into eyayinokumnceda, njengoko wenzayo uWashington. UWashington wayephumelele kwikholeji, kwaye wa—wayesazi; wayeyindoda ehlananiphileyo, indoda ebalulekileyo, indawo yokuqala. Kodwa uLincoln wakhuliswa kwindlwana yeeplanga, phantsi kwamabala amakhulu aseKentucky, kwaye kungekho mgangatho kwindlwana yamaplanga endala, ehleli njengesikhumbuzo apha eLouisville ngoku. Kodwa, ekubeni wayeyindoda abalulekileyo awayeyiyo, kwaye kwafuneka afunde ukubhala, phezu kwamabala awayewalima, ukuze atyale umbona.

⁴¹ Kodwa ndingadlulisela oku kubantu abaselula. Ingaba benisazi ukuba u-Abraham Lincoln akazange abe nencwadi ebomini bakhe, de waba semva kweminyaka engamashumi amabini ananye ubudala, kodwa iBhayibhile nencwadi kaFuxe yabafeli-nkolo? Yabona, into oyifundayo ibumba isimilo osiso. Akumangalisi ukuba sibe negquba labaphambeneyo namhlanje; oolindexsha bamabali amancinci azintsomi, nobukrwada nobuvuvu, abekwe kwiindawo zethu zeendaba.

WayeneBhayibhile nencwadi kaFuxe yabafeli-nkolo. Jonga ukuba yamenza ntoni na!

⁴² Kodwa phezu kwayo yonke loo nto, ngenye imini wenza intetha efana nale. Wathi, “Ukuba kunokufumaneka nantoni na elungileyo kum, kungenxa yomama onobuthixo,” owamkhulisela ukukhonza uYehova.

⁴³ Uyabona, umntwana uyamphulaphula unina; ukuchukumisa okuncinci malunga naloo mama, ukuba umntwana uya kumamela. Xa ebuhlungu, uya kuya kumama ukuya kuthuthuzelwa ngaphambi kokuba aye kutata. Ngokuba, wayekunye naye kuqala, uyazi. Kwaye kukho isipho esithile athi uThixo asinike umama, ukuba abe lolo hlobo; Ndithetha umama wenene. Ngoku, ndiyakholwa ukuba oomama bahloniphekile kwaye banobuthixo.

⁴⁴ Kodwa ndiyakholwa, njengeNtsuku zikaMama, ngokufana noku, lurhwiphilizo lorhwebo, ukwenza imali eninzi ngeentyatyambo nezinto ezinjalo. Kodwa usuku lukamama kufuneka lube yimihla ngemihla. Hayi ukuthumela isipha seentyatyambo ngoSuku lukaMama, kodwa ukumthanda nokumkhathalela amakhulu amathathu anamashumi amathandathu anesihlanu eentsuku nobusuku bazo, unyaka wonke. Kodwa, kakade, ilizwe lezorhwebo libambe kakhulu izinto ezinje, kwaye i—i—ithoba ixabiso likamama.

“Owu, ke, ngoSuku lukaMama oludlulileyo ndimthumelele isipha seentyatyambo.”

⁴⁵ Angavuya kakhulu, okungaphezulu okuninzi, uhlale nje phantsi uthethe naye nje kancinane, mbhalele umgca, mbambathe egxen lakhe, umphuze esidleleni, umxelele ukuba uyamthanda. Iya kuya kude kakhulu kunazo zonke iintyatyambo onokuthi uzithenge kumthengisi weentyatyambo. Yinyani leyo.

⁴⁶ Ndiyakholwa ukuba kwakukwiMithetho eliShumi, ongasekhoyo uCecil DeMille, owabhala waza wabeka kwiskrini enye yezinto ezigqwesileyo zehlabathi lebhanyabhanya. Kwaye ngaphambi kokuba ibekwe kwiskrini, okanye ikhutshwe, UCecil DeMille wabiza u-Oral Roberts noDemos Shakarian, kunye neqela labalungiseleli beFull Gospel, waza wabathabatha wabasa kwigumbi lakhe lokubhalela ibhanyabhanya waza wababonisa iiyure ezine zeMithetho Elishumi, waza wababuza uluvo lwabo ngaloo nto. UThixo awuphumze umphefumlo wakhe okhaliphileyo!

⁴⁷ Ndathi ndakuyibona, ndiyijongile, kwaye intetho encinane yahlala inamathele kum. Ukuba abaninzi kuni bayibonayo, kwakuxa xana intombi kaFaro...emva kokuba uMoses wafumanisa ukuba waye e—engumHebhere, kwaye wayegqibe kwelokuba aye kuhlala nabantu bakowabo. Kwaye nakuya kuhleli umama wakhe owayekhe wamhle, ephelelewe, eneenwele ezingwevu nobuso bakhe obushwabeneyo, ehleli kwisitulo

esidala sokungqiyamisa iingalo; umama oqhelekileyo. Yaze yangena intombi kaFaro. Kwaye wathi, “Ndingunyana kabani, kakade?”

⁴⁸ Kwaye xa kwatyhilwa, ukuba uYokebhede ngoyena mama wakhe. Intombi kaFaro, kunye nokuqaba kwayo nanjalo njalo, kwaye konke kulungisiwe; yathi, “Kodwa, khangel! Isenokuba ngunyana wakho, kodwa,” yathi, “Ndimnika ubutyebi nobungangamsha. Ubungenakumnika nto ngaphandle kwemingxunya encangathi.”

⁴⁹ Kodwa umama okhulileyo onentloko engwevu wathi, “Kodwa ndimnika ubomi.” Loo nto yenza umahluko. “Ndamnika ubomi.” UThixo wamnika uBomi obunguNaphakade. Hayi indlela okuyinyani ngayo, mama!

⁵⁰ Ngamanye amaxesha abantu bathi kum, ubukhulu becala kumaphulo am, ndi “hlala ndishumayela ngovuko.” Kwaye ndifunde umxholo ngale ntsasa, isahluko se-15 kunye nomqolo we-4 weyokuQala kwabaseKorinte, ngovuko.

⁵¹ Kodwa, uyabona, indlela abambeka ngayo umama namhlanje, yimbiza yeentyatyambo ehleli ngakwixhegokazi, owalupheleyo ongakwaziyo ukuphakama, mhlawumbi, ebuthathaka, enentloko engwevu, eshwabene, ehleli esitulweni. Yinyani ngokwaneleyo. Kodwa ndifuna ukuthatha umxholo wam ndikupeyintele omnye umfanekiso wento umama ayiyo.

⁵² Omnye umntu wathi, “Ushumayela kakhulu ngovuko. Uninzi loMyalezo unento ethile malunga novuko.”

⁵³ Kutheni, ngokuqinisekileyo. Ye—yeyona ndawo ibalulekileyo yokuphumla yeVangeli. Akunamsebenzi nokuba Wenza ntoni na, ukuba Wayengazange avuke kwakhona kwabafileyo, ngoko konke okwayo kwakulilize. Yona, kum, iqondakalisa ukuba WayenguThixo. Uqondakalalisa lonke ibango Awalenzayo; uvuko! Kananjalo yindawo yokuphumla komphefumlo. Yindawo yokuqala. Luthweswo sithsaba sentuthuzelo yethu.

⁵⁴ Kwaye xana sibona ukuba Wavuka kwabafileyo, isibeka thina, nesikrweqe seVangeli, kwindawo engaphambili yedabi, ukuba sithabathe indawo, silwe. Kuba, siyazi ukuba Wathi, “Lowo uyakuphulukana nomphefumlo wakhe ngenxa yaM, wobuya awufumane.”

⁵⁵ Kwaye ndiyacinga ukuba kukuthweswa isithsaba okukhulu kweVangeli Egcweleleyo, luvuko, nezithembiso zayo eziNgcwele, nentuthuzelo ebanika yona abo bakholose ngayo. Kuba, ithembisa umanyano olukhulu lokumanyana kwethu kunye kwakhona. Iyathembisa, kunye no—nokunyamalala kwaso sonke isono. Ithembisa ukunyamalala kwazo zonke iziphene, zonke iibandezelo esithe sazenza koku, kwafuneka sidlule kuzo, kobu bomi. Iyathembisa, kunye nokuphela kwayo yonke into. Ithembisa ukuba nokufa kuya kuphulukana nokubamba

kwako, kwaye siya kuvuka kwimfano noYesu. Ngoko, kwimbono yam, uvuko lelona likhulu kuzo zonke izithembiso kwizinto zeSibhalo. Nantso apho iyitywine khona.

⁵⁶ Kwaye ngePasika yokugqibela, xa ndandishumayela ngezinto ezintlanu:

Ephila, Wandithanda; ekufeni, Wandisindisa;
 Ekugcwatyweni, Wazithwala zaya kude izono
 zam;
 Kodwa, ekuvukeni, Wagwebela ngesisa
 ngonaphakade.

⁵⁷ Olo luSuku kum, olwa Suku lukhulu lweentsuku! Kwaye ukubona ukuba iyakuthetha ntoni na, kuthi sonke, eluvukweni, njengoko sisebenza silindele laa Mini yemihla esikelelekileyo!

⁵⁸ Isinika isithembiso sokuba ngenye imini aba badala, babuthathaka, batyhafileyo, bantloko-zingwebu, oomama abaphukileyo baya kutshintshwa. Akayi kuhlala kuphela umama apho, yedwa, kodwa lonke usapho lwakhe kunye naye.

⁵⁹ Yaye olunjani oluyakuba lulo usuku! Elinjani lona ixesha ekuya kuba lilo, xa sijonga kubuso babo sibathandayo kakuhle kakhulu! Onjani wona umahluko ngaloo ntsasa, xa siyakubona abo sibathandayo, kunye—kunye nokujonga ukuba baya kuba yintoni na ngoko! Zonke iimbandezelo ziya kususwa. Zonke iintsizi zokubandezeleka ziya kuphela. Akusekho zidlele eziluthuthu zokufa. Azisekho iinyembezi emehlweni. Uvuko luthembisa konke oku. Akusayi kubakho mingcwabo. Akusekho kumbambazela usana esidleleni, olufana neqhekeza lelitye; apho umngcwabi uye waqhola isidumbu, watyhalela ngaphandle waza waqaba ipeyinti, nanjalo njalo, ukuze akhangeleke ngokwendalo. Ayisayi kuphinda ifuneke kwakhona, phaya.

⁶⁰ Ndize ndicinge xa sibabona bemi phaya ngaphesheya, abathandekayo bethu, oomama bethu, izalamane zethu, zonke izihlobo zethu; nokubabona bekwimizimba yabo engafiyo, kwimizimba yabo yasezulwini; ukubukela isimilo sabo, ukubabona indlela abaziphethe ngayo ngobo bumnandi kunye nokuzola, kungasekho kuphakuzela okanye ukuphazamiseka. Ukubabona ngoko bemi kumfanekiso weNkosi uYesu, iyakuba yimini emangalisayo leyo.

⁶¹ Kwaye ngamnye wethu, ezingqondweni zethu, silindele kwaye siyilangazelela loo yure yentuthuzelo, xa sihlangani nabo. Ngamnye ucinga ngothandekayo wakhe, mhlawumbi umama wabo ongasekhoyo. Yaye enjani yona imini eyakuba yiyo, xana uphinda umbona! Kwaye kutata, nakumntakwabo, nakuye. . . bonke abathandekayo, yenjani imini eya kuba yiyo!

⁶² Ndiyacinga, nam, kanye ngoku. Ndinga ngosapho lwam, ukuba kuya kuthetha ntoni kum ngaloo Mini.

⁶³ Ndinga ukuba, ngaloo ntsasa yovuko, mhlawumbi owokuqala ukuza kundikhawulela iyakuba nguSharon wam omncinci. Hayi, akayi kungcangcazela. Loo mtyholi akanakungena kuloo ndawo. Akukho kudumba kwenwebu yobuchopho kunokuze kuchukumise elaLizwe. Akazube endibhabhayisa. Loo mehlo mancinci, aluhlaza okwesibhakabhaka aya kudanisa njengoko ephosa iingalo zakhe kwaye ekhwaza, “Tata!” Ndiyakuvuya ukumbona, ukwazi ukuba akasayi kufa kwakhona; ukwazi ukuba kuphelile, kutheni ndishumayela uvuko ngamandla kangaka.

⁶⁴ Emva koko ndizakubona umama wakhe, umama kaBilly, inkwenkwe yam. Kwaye ndineenkumbulo ezininzi apho ezithatha ixesha. Ndiyakhumbula xa ndandimnyusa; okanye uMnu. Combs, apha phezu, wayemkhwelisa unkosikazi okokugqibela, kwaye ndandimlandela, ngemoto. Njengokuba sasisehla ngeSeventh Street, kanye phaya; UBilly, eneenyanga ezilishumi elinesibhozo ubudala.

⁶⁵ Indlela ababeya kumkhuphela phandle esitratweni, benze ukuba ambone. Kwaye ubeya kulala aze alile, aze ajonge kusana lwakhe, kodwa wayengenakusondela kulo.

⁶⁶ Kwaze kwathi endleleni ezantsi, umngcwabi weza naye wehla i-i-iSeventh Street. UMama apha wayemhoyile ngeloxesha. Kwaye wayemi ngaphandle eyadini, enxibe ibhulukhwe emfutshane encinci, kunye nekepusi encinci ebomvu itsalwe yehlela emacaleni entloko yakhe. Kwaye xana laa mama, elele kula mandlalo, ngasemva kula nqwelo yezigulana, endijongile, xana wabona usana lwakhe lumi eyadini, esazi ukuba wayethabatha uhambo lwakhe lokugqibela, waphakama kukhuko wakhwaza, waphosa isandla sakhe esinamathambo, ukuba afunqule usana lwakhe eyadini. Kodwa wayengenakukwazi ukuba naye.

⁶⁷ Owu, kuya kuba luvuyo ukumbona ngaloo mini. Hayi, akasayi kuba nezandla ezingamathambo, nezidlele aziyi kutshona. Kodwa uyakuma ebuhleni basezulwini bokumkanikazi weZulu, nobomama. Amehlo akhe amnyama, amnyama ngathi ngamaphiko ehlungulu, aya kudanisa ngovuyo. Akayi kugoba konke; apho, laa mtyholi weTB akanakuze angene kulaa Mhlaba. Kodwa, ongenakufa, uya kuma emfanekisweni Wakhe.

⁶⁸ Ndinga, ngoko, olandelayo oza kundikhawulela iya kuba ngu Edward, esasimbiza “Humpy,” ukwenzela igama elifutshane. Wayengowokuqala kwityathanga elikhulu lamakhonkco alithoba, ityathanga losapho lukaBranham. Waba likhonkco lokuqala ukuqhawuka; lo usecaleni kwam. Ndiza kumbona u-Edward esiza kum ebaleka. Ukanti, wafa eseyinkwenkwe, eneminyaka elishumi elinesithoba ubudala. Kwaye xana ndimbamba ngesandla sakhe, ndiqinisekile ukuba

siyakuba nezinto ezininzi esinokuthetha ngazo, zobukhwenkwe, kuba sasizitshomi. Sanamathelana kunye. Uye wandiyeka ndanxiba isuti yakhe, kunye—kunye—kunye nezinto, njengokuba benzayo abantakwe bokwenene. Kuya kuba luvuyo ukumbona kwakhona.

⁶⁹ Kwaye ndiyakumva ethetha into enje, “Ulifumene ilizwi lam, Bill? Ubusebenza kwifama yeenkomo, ngexesha lokumka kwam emhlabeni. Kodwa esibhedlele, ndathumela ilizwi emva, ‘Xeleta uBill ukuba yonke into ilungile.’”

Ndiyakuvuyela ukuthi, “Ewe, ndilifumene ilizwi lakho, phandle ethafeni.”

⁷⁰ Emva koko, ndiyaqonda, ngokulandelayo kuya kuza utata wam. Waye likhonkco elilandelayo ukuya, kwaye. . .Hayi.

⁷¹ Ndinga ukuba uCharles wayelikhonkco elilandelayo, umninawa omncinane. Wafumana ingozi yemoto eseyinkwenkwana nje. Wayesoloko erhuqa umlenze wakhe wasekunene xa ehamba. Kodwa, uyazi, xa ndimbona, akasayi kuwurhuqa la mlenze. Kuya kubhangiswa konke, kuya kuma kubukhazikhazi bomfana.

⁷² Kwaye uya kuthi kum, into enje, njengoko encuma. Uya kuthi, “Ewe, Bill, akukho zingozi phezulu apha. Kwaye ndiyakhumbula ngobusuku obungaphambi kokuba ndithatyathwe kwingozi yemoto, wathetha nam, simi kwindlela encinci yendlu yethu encinci ethobekileyo,” kwaye ndijonge kumphezulu, kanye ngoku. “Wathetha nam ngeNkosi, kwiiyure nje ezimbalwa phambi kokunduluka. Kwaye wawusepulpitini ushumayela xana ndandihamba.”

⁷³ Emva koko kuyakuza utata. Owu, ndiyambona. Nangona wayendityatatushe kalukhuni kaninzi, kanye le nto bendiyidinga, kodwa ndiyakubona esa sihlwitha seenwele ezimnyama ezijikojiko, ziqaqambe ngakumbi kunakuqala, ngaloo mini. Kwaye uya kundijonga, aze athi, “Nkwenkwe yam, uyazi, uTata soze aphinde aphakame etafileni apha, kwakhona, elambile, ukuba ayekele abantwana bakhe batye, ngokuba apha sinokuninzi. Akukho kuswela apha.”

⁷⁴ ukumbona xa ebeya kusebenza, kwaye kumashumi amahlanu okanye anamashumi asixhenxe anesihlanu eesenti ngemini, kwaye emva koko aphakame etafileni ukuze abantwana batye, abuyele emsebenzini kwakhona. kwaye wasebenza nzima kangangokuba ihempe yakhe yayitshela emqolo kukutshiswa lilanga, aze umama ayisike ngesikere.

⁷⁵ Ndiyakumva ethetha into efana noku, “Bill, uyakhumbula ngobo busuku wena noMzalwana George neza kundithandazela xa ndandinduluka? Uyazi, ndamxelela umama ukuba kwakukho iiNgelosi ezimbini ezimhlophe ezimi ebhedini, nengelosi ebomvu ezinyaweni. Kwaye ingelosi ebomvu yayizama ukundifumana,

kodwa iNgelosi emhlophe yema phakathi. Zade ekugqibeleni zandithwalela Ekhaya.”

⁷⁶ Ngoko, kananjalo, olandelayo kwikhonkco lokuhamba, okanye uye wahamba, kuyakuza uHoward. Ndiza kumbona uHoward; njengoko sasidibana kunye kumazwe ngamazwe, kuyo yonke indawo; ubizelwe ukuba ngumlungiseleli; ubuntu obubalaseleyo, kodwa abahlobo bakhe bangcina emva. Incoko yokugqibela endaba nayo naye, wathi, “Xa ndihamba, Bill. . .”

⁷⁷ Nda—ndambona ehamba, ngombono, malunga neminyaka emine phambi kokuba emke. Ndamxelela ukuba ndibone uPop ephawula ingwaba lakhe kwaye wathi lalilandela.

⁷⁸ Waze wathi, “Inye into endifuna undenzele yona.” Wathi, “Ndibubhutyuzile ubomi bam. Ndibe nditshatile kwaye yonke into. A—andazi ukuba kwenzeka ntoni.”

Ndathi, “UyaMkholwa, Howard?”

⁷⁹ Wathi, “Ngako konke okukum, ndiMyakholwa.” Malunga neentsuku ezimbini okanye ezintathu phambi kokuba ahambe, wenza uxolo lwakhe noThixo, noMzalwana uNeville nabanye phaya. Kwaye wathi, “Inye into endifuna uyenze. Xa ndihamba, Bill, ubacele ukuba bandiculele, *‘Uya kuqonda, Kwaye Athi, ‘Wenze Kakuhle.’*”

⁸⁰ Ndiyakholwa, ngaphambi kokuba ndixhawule isandla sikaHoward, ndiyakumva esima kwaye ajonge kum, athi, “Bill, Waqonda.”

⁸¹ Emva koko, kuyakuza uMzalwana Seward, uMzalwana uFrank Broy, uMzalwana uGeorge DeArk. Owu, uvuko luthetha lukhulu kum. Ndiyingxamele la yure inkulu yokuthwesa izithsaba. Kwaye ke njengoko ukuKhanya kuqalisa ukusasazeka, “Siyakukwazi njengoko sisaziwa.” Siya kuqonda, kwaye—kwaye siyakukhumbula esibaziyo bethu kunye na—nabo bebekhona phaya.

⁸² Kwaye—kwaye abaninzi, kuya kubakho abaninzi phaya esingazange sicinge ukuba baya kuba khona. Kuba, uyazi, kungelo xesha, ukuba ndiyakholwa ukuba “isonka esisiphose phezu kwawoluntu, amanzi agxojwayo, siya kubuyela kuthi ngaloo Mini.” Xa sibona iziphumo zobungqina bethu, ebantwini ebesingasiqondi isenzo sabo ngakuYo, mhlawumbi bayakuba lapho. Enjani yona iMini leyo!

⁸³ Kwaye ngoko, kananjalo, imbewu esayihlwayelayo, singacingi nokucinga ukuba bayakwenza ntoni na, kodwa balapha. Bavelisa iziqhamo ezixabisekileyo, kwaye siya kubabona ngaloo Mini, abo banxaxhayo abathandekayo nabazalanayo.

⁸⁴ Kwaye ndicinga ngamawaka endiwabonileyo eguquka, ewe, kwizigidi ngoku, ehamba, nokuba lwaluyintoni na ulungiselelo lwabo. Owu, kuyakuthatha ngaphezu kovuko.

Kuyakuthatha iNaphakade, ukujikeleza, ukuxhawula izandla kwaye ufumanise izinto endingaziyo ngoku.

⁸⁵ Kuyakubakho abo mama bakhulileyo banentloko engwevu, enithe nabaxibela ezo ntyatyambo zimhlophe namhlanje, baya kunibona, kwaye baya kuba bahle. Bengamelwanga yimbiza yeentyatyambo, okanye umfanekiso othile womntu omdala onentloko engwevu; kodwa emfanekisweni nasebuhleni bovuko, bayakuma kumfanekiso kaKristu, imizimba yabo yasezulwini, iselula kwaye imihle ngonaphakade. Ngokuqinisekileyo, elo lu—elo luSuku lukaMama endilulindileyo. Oko kukuthweswa isithsaba. Hayi intyatyambo ebhatyini, kodwa ukuthweswa komphefumlo, kuba uThixo umtshintshile!

⁸⁶ Ndinga ngowam umama, emdala kwaye ebuthathaka, engangcazela ngenxa yedumbe. Akayi kukwenza oko ngalwa Suku. Iyakuba yeyahlukileyo ngoku. Kwaye okwa kuKhanya kukhulu kuqalisa ukunwenwa, njengokuba siqalisa ukukhangela ngapha nangapha, kwaye isangqa esikhulu siya kuba sikhulu ngakumbi nangakumbi. Kukonke kubonisa nje ukuza kukaYesu. “Kwaye emva kwexesha,” njengoko ingoma yathi, “kwaye ndiya kumbona uYesu ekugqibeleni.”

Uyakuba endilindile, UYesu, unobubele
kakhulu kwaye uyinyaniso.
KwiTrone Yakhe entle uyaNdamkelela eKhaya
Emva kokuba olu suku luphelile.

⁸⁷ Ngoko njengoko siMbona, kwaye asiya kuba njengoko sinjalo ngoku. Siya—siya kuyazi indlela yokuMthanda ngakumbi. Asiyi kuphinda sime ngoloyiko oluncinci; ngokuba, siya kuba njengaYe. Thina... Uyakuba sesingakumbi isizalwane kuthi kunokuba Enjalo ngoku. SiyakuMqonda ngcono. Ngokuba, sikude kakhulu, kwimizimba efayo; ngoko siya kuba nomzimba ofana nomzimba Wakhe wozuko. Siya kuyazi indlela yokuMnqula. Kwaye xana sibona oko uBukho boBuqu Bakhe bukwenzileyo kuthi, busitshintshile, abadala bevuyela ebutsheni, zonke iziphene zoluliwe, owu, siyakuqonda ngoko ukuba kutheni na amandla Akhe esiphilile.

⁸⁸ Imibuzo ibisoloko izingqondweni zethu, “Angayenza njani Yena? Yayiza kuthini *le?*” Ngandlela ithile, ngokufihlakeleyo, zonke ziya kunyamalala. Amaqhina abebotshelwe ngasemva kweengqondo zethu, “Ingaba iya kuba yile? Inokwenzeka njani?” Ngandlela ithile, okanye enye, iminwe emikhulu iya kucombulula nje, ikhulule loo maqhina, kwaye konke kuya kuphelela kwisithsaba esikhulu sothando.

⁸⁹ Ngoko siyakuMbona. Emva koko siya kuba njengaYe. Emva koko siyakuMnqula. Emva koko siya kumbona umama njengoko uThixo emfuna.

Umama ngekhe aphelele Phaya ngaphandle kosapho lwakhe.

⁹⁰ Kuba, elona xesha libalaseleyo kubo bonke ubomi bakhe kukubona abantwana bejikeleze itafile, kwaye bonke besempilweni kwaye bonwabile; no—no—nokumbona egalela ikofu, okanye nantoni na ayenzayo, kwaye elungise isidlo sangokuhlwa, kwaye yena notata bahlale phantsi. Ngokuba, lelona xesha lonwabileyo ebomini bukamama, ukubona abantwana bakhe bonke ekhaya.

⁹¹ Ngoku, ungaphoswa, ungaphoswa lolo Suku. Vumela ikhonkco elikhulu losapho lwakho lidityaniswe kunye, ikhonkco ngekhonkco. Vumela zonke izixhobo mazibe sevilini. Emva koko xana sihlala phantsi neentsapho zethu kunye namaqela, ngaphaya kwamaphahla kaNaphakade, enjani yona iMini eyakuba yiyo! Emva koko siya kuqonda.

⁹² YayinguYe owathembisa oku, kwiZityhilelo 1, apho Yathi, ukuba, “Kwaphuma emlonyeni Wakhe ikrele elibukhali elintlangothi zombini.” “Wayebizwa ngokuba liLizwi likaThixo.” Kwaye kwakuloo milebe minye, eyathi, “NdinguLowo udla ubomi, obefile; kwaye ndiphila ngonaphakade.” Kwakuloo milebe minye, kuYohane oNgcwele 6, amashumi amathathu-...itsho oku, ukuba, “Andiyi kulahlekelwa nto, kodwa ndiya kuyivusa kwakhona ngemihla yokugqibela.” YayinguYe lowo wenza idinga; kwaloo milebe ixabisekileyo minye. Nguye Osisindisayo, Osiphilisayo, Owasihlangulayo, kwaye Oyakusivusa ngomhla wokugqibela.

⁹³ Ukuba uleliyakhonkco elincinane elibuthathaka eliye lahlula le ndibano inkulu yosapho ngaloo Mini, wanga uThixo weZulu, ngale ntsasa, ngandlela ithile ngendlela engaqondakaliyo, angawakhulula loo maqhina mancianane abotshelelwe engqondweni yakho, kwaye atyhile kuwe uthando Analo kuwe, kwaye wanga ungeza ngokumnandi ukuza kuMkhonza.

Ngelixa sicinga ngezi zinto, masithandaze.

⁹⁴ Kanye phambi kokuba sithandaze, kwaye nithobe iintloko zenu, ndizakunibuza. Ningathanda, ngolu Suku lukaMama, ukuphinda ninikezele ubomi benu ngokutsha kuYe, nijonge phambili kolo vuko? Ungaphakamisela izandla zakho kuYe? Ngelixa wonke umntu... UThixo akusikelele.

⁹⁵ Ingaba kukho umoni okhoyo ngoku, angathi, “Owu Thixo, andikaziqobosheli kwela khonkco okwangoku. Ndim lo ulahlekileyo ongayi kuba phaya xana umama esiya kukhangela phaya eLuzukweni. Andiyi kuba phaya, kuba andikaze ndenze uxolo lwam noThixo okwangoku. Andinalo ithemba loBomi obunguNaphakade kum. Kodwa namhlanje ndi—ndifuna ukuyenza loo nto”? Ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham, ngeli xesha. Ndifuna ukukhunjulwa emthandazweni, kuba ndinabo abathandekayo

ngaphesheya kolwandle, ulwandle loBomi, kwaye ndifuna ukudibana nabo”? Phakamisani izandla zenu.

⁹⁶ Okanye umntu okreqileyo, kwaye angathanda ukubuya ngalo mhla, kwaye athi, “Nkosi yam, ndiyaphinda ndizinikela kuWe; ndize kuwenza mtsha umnqophiso wam naWe,” ungaphakamisa izandla zakho?

⁹⁷ Bawo wethu waseZulwini, njengokuba lusondela, olu suku luyakwenza usuku olunye ukusondela kweso siganeko sikhulu. Kwaye sisandula ukunyanzelwa, nyaka ngamnye, ukuba sikubone oku kumelwa.

⁹⁸ Njengoko abantu babedla ngokunyuka besiya eYerusalem ngoMhla wePentekoste, nokuhlambulula umnquba, nengcwele, no—nomnikelo wedini lesono, nyaka ngamnye babekhunjuzwa, xana la mvana yafayo phaya, okokuba kuyakufika ixesha apho iMvana kaThixo iyakufa, ukuqhawula umtshato nesono. Ngalo lonke ixesha laa mfo mncinane ekhala, laze igazi latshiza ezandleni zabo, bakhunjuzwa ukuba kuya kubakho ixesha apho kuya kubakho iMvana kaThixo, eya kukhala, “Eli, lama . . . ? Eli, lama . . . ?” emnqamlezweni.

Ndiyathandaza, Thixo, ukuba njengokuba sijonge namhlanje kwaye sikubona oko . . .

⁹⁹ Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, phambi kokuhamba kwinkonzo Yakho, ukuya eCalifornia, le Indiana yalala ize kwaye ifile, kwaye kwakungekho bomi, kukhangeleka ngathi. Iintyatyambo ezifileyo kwikwindla yokugqibela. Amagqabi ayemkile emithini. Nencindi yemithi yayisele iye ezinganjini, kwaye yonke into yayifile.

¹⁰⁰ Kodwa kwakukho ixesha apho ilanga laliqalisa ukukhanya ngendlela eyahlukileyo. Kwa elaa langa lalikhanya ebusika, kodwa izinto zazitshintshile yaye lalikhanya ngokwahlukileyo. Kwaye ngokukhanya kwelanga, kunye neziqalelo, ubomi baphuma, kuyo yonke indawo. Amagqabi abuyela emithini. Igqabi . . . Ubomi obabushiya igqabi, negqabi lavuthuluka, kodwa ubomi babuyela emhlabeni; labuya lona linobuhle obutsha, kubukhazikhazi bobutsha. Intyatyambo eyayiluncamile i—ivumba layo elimnandi, elalibuncamile ubukhazikhazi bayo, laza lawela emhlabeni; izelwe, yagqabhuka kwakhona ebutsheni bayo, inevumba elitsha elimnandi.

Sikhunjuzwa ngantoni, Nkosi, ngezi yure?


¹⁰¹ Kwaye ihlabathi lisuka kwemfiliba, ekhalayo intlango, kuyo iparadesi entle, neenyosi neentaka zicula, neento zonke ezonwabileyo, kunye nemithi i—idloba emoyeni wokufudumala kwasentwasahlobo. Ukufudumala novuyo lwaba phezu komhlaba kwakhona, ngenxa yelanga, s-u-n.

¹⁰² Kodwa ngenye imini u-S-o-n uza nempiliso emaphikweni Akhe, kwaye obo bomi buncinane buzifihle njengencindi

emthini, emhlabeni, njengo—ngobomi obukwimbewu yentyatyambo, buyakuyizisa ebutsheni kwakhona, ingasayi kubuna. Owu, indlela esiKubulela ngayo ngale nto!

¹⁰³ Kwaye bezininzi, izandla ezininzi ezinyukileyo ngale ntsasa, kuba bayazi ukuba ngaphaya komkhusane phaya, kukho into ethile. Balangazelela ukubona umama. Balangazelela ukubona abathandekayo babo kunye nezihlobo zabo, kwaye bafumanise zonke ezi mfihlelo, ukuba zeza njani na apha, nokuhla ukutyhubela ixesha. Konke kulele emva kwekhuselo elifihliweyo. Kwaye ngenye imini Uyeza. Kwaye baziphakamisa izandla zabo; ba—ba—ba—bafuna ukuqiniseka, Nkosi. Bayazihlaziya kwakhona, nam ndinjalo. Ngoku sincede, Nkosi. Hlaziya ukholo lwethu namandla ethu.

¹⁰⁴ Kwaye njengoko sisiva ukusondela kweNkosi. Kwaye kumashumi amane eminyaka yokugqibela, kwavela ipentekoste entsha phezu komhlaba. UMoya waqala ukutyhila izinto. Kwaye silapha kumqondiso wokugqibela, kanye phambi koKuza. Siyazi ukuba ukusondela kweNkosi kusondele. Kwaye sibona abagulayo bephiliswa kwisigulo sabo, ntoleyo ebiyimfihlelo ehlabathini, kangangamawaka amabini eminyaka, ukususela kubapostile. Kodwa nantsi ibonakala kwakhona, abaprofeti bevela, iiNgelosi zibonakala, imiqondiso nezimanga. Ingaba yintoni? Uvuko luyasondela. US-o-n uyeza.

¹⁰⁵ Masihlale silungile, Nkosi. Masamkele sonke isithembiso esiNgcwele; musa ukucinga ngala maqhina mancinane aqokelelwe yinzululwazi, nanjalo njalo, ukuba ayinakwenzeka. Mawaqale ukukhululeka, ngale ntsasa, ngongafiyo. . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . njengoko Engcangcazela kuMazwi eBhayibhile kaThixo, njengesixhobo esilungiswe kakuhle, ukucula isingqi, “NdinguLowo wayefile, kwaye ndidla ubomi ngonaphakade.” “Liselilifutshane ilixa, ukuze ihlabathi lingabi saNdibona; nina niya kuNdibona.” “Kuba ndiya kuba nani, nakuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi.” “Kuya kuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama; imiqondiso nezimanga; amadoda amakhulu ayakuphupha amaphupha, amadodana abone imibono,” umqondiso wemvula yamva kunye nexesha lesiphelo. Mayiviwe phakathi kwethu, ngale ntsasa, Nkosi, kwaye lwanga ukholo lwethu lungakhuseleka. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen. 

59-0510M Usuku Lukamama
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org